

# Imvo Zabantsundu

(NATIVE OPINION)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAMS TOWN, NGOLWESI-NE, OCTOBER 17, 1889.

[No. 257

IXESHA LE- BHOLA, 1889.

## DYER NO DYER,

Banento eninzi ye Mpahla ye Bhola, abayite dlakana ukuba

### I-BHAYI.

Zika Lilly-white, Izipato ze Cane 16s  
„ Ezilunge ngapezulu 21s  
„ Ezispeshele 21s  
„ Eziketiweyo 25s  
„ Duplex Driver 30s  
Zika Cobbet's Eziyi Single Cane 15s  
I-Seti Zentsapo 6s 6d, 10s, 12s 6d. I-Stumps 5s 6d, 10s, 12s, 16s 6d.

Zika Cobbet's Cane Zonke 19s  
„ Ezenziwe Speshele 25s  
Bartlett's ezi Double Cane 13s 6d  
„ ezi All Cane 16s 9d  
„ ezi Kuncofuta 19s 6d  
Zamadoda zoku praktisa 5s 6d, 8s  
„ Dove Tail (extra strong) 9s

### I-BHOLA ZE KRIKITI.

Ezika Duke ezimitungo ipindiwe- yo 4s 6d.  
„ extra strong 6s 3d.  
Ezentsapo 2s 6d.  
Ezika Duke ze Match 5s 9d, 6s 3d, 7s

Ezika Ayer's Ze Match ezimitungo ipindwe katatu 9s.  
„ i Catgut „, 10s.  
„ Lillywhite 6s 6d, 7s, 8s, 8s 6d

### IZANDLA.

Zokugcina i Wikiti 6s, 7s 6d, 8s 6d, 8s 9d, 10s, zenziwa nge twatwa elimhlope—ngolusu Lwebokwe—nge Gold Cape Tan Chamois ne- ntlotyantlotyana zonke ezintsha.  
Zobetayo Ezolusu Iwe nja 7s 3d, 8s 6d, and 9s. Eze Bhokwe 7s 3d. Eze Buff Chamois 7s 3d.  
I New President Batting Glove 9s 6d.

Impahla entsha engazange yako ye TENNIS, isand' ukunqikwa. Intonga ze Tennis ziqalela kwi 6'6 kuse kuma 30/-.

Imitwalo emikulu yempahla entsha, yase ntlakohlaza ifika ngo Stemele bonke.

## DYER NO DYER, ABANENGUBO ZAMANENE,

KING WILLIAMS TOWN.

Kotenga i Seti yonke kwapulwa i Sheleni zo mbini e pontini, amanani awodwa kule mpahla. Paula Mlesi!

## Inyama ne Zonka

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

**BOURKE NO MARSH,**  
e Nyutawini nakwisitalato esipambi  
kwe ofisi ngase mcantcatweni.

[Apo Kutengiswa impahla entle Ingamanani angemakulu],

## GRAHAM'S TOWN

Saneke ??? ezitshipu kanye, ifishini ezona zintsha, ziqala kwi 3/- inye. Ikaliko ne Brown, iqala 2 1/2d. yd. gelwa kwi Blanket, iqala 4 3/4d. yd. Ezona Ntlobo zintsha ze Print, 3d., 4 1/2d., ne 6d. yd. Iqiya ze Keshemiya. Ezimnyama nezamanye amabala 11- inye. blanket zoboya ziqala 5/- inye. Amabhayi 2/- lilinye; i Cotton Sheets 1/6 inye.

## YONKE IMPAHLA YABATSHAKAZII!

I Dress zenziwa apa, ngezona ndlela zigqitiseleyo, yi Ledi esand' ukuvela e-England.

### INGUBO ZAMADODA.

IBHULUKWE ZE KODI, ziqala 5s. inye.  
IBHATYI ZE KODI, ziqala 10s. inye.  
IBHULUKWE ZE STOFU (Tweed), ziqala 2s. 11d. inye.  
IBHATYI ZE STOFU, ziqala 6s. inye.  
ISUTI Emhlayo umfana ifishini entsha, 21s.

kutenga apa ngokwalatiswa yi " Mvo " maze akuxele oko. Ukuba utenge ngexabiso eligqite kwi ponti enye uyakubuye ayinikwe isheleni ngeponti nganye.

## JOHN W. BAYES & CO.,

Kwi Kona ye Bathurst Street ne Church Square,!

## GRAHAM'S TOWN

### ABAZELWEYO

MTOMBENI.—U Mrs. H. M. MTOMBENI ubeleke Unyana ngo 18 September, 1889, e Hackney t1710

### ABABHUBHILEYO

PATO.—Ngolwa 28th September, e Mgwalu wakwa Ngqika kubhubhe u NDALANA PATO. Ubeneesine wagula intsuku zosi 7. Zihlobo yamkelani lombiko. t1710

### KUFUNWA

ABAKANDI BEBHEKILE ababini. funayo wosingisa ku

RICHARD FULLER,  
Queens Town.

### ISAZISO.

NDIYA wazisa umzi wakowetu ose Maxhoseni, Embo, e Natala nase Dayimani, ukuba mna, ugama lingezantsi, ndivule Ikaya Labahambi apa. Yeyona ndlu ikufupi ne Railway Station, e Kowie Street, kufupi ne bhuloro ekutiwa yi Dundas Bridge, apo nofumanisa kona impato efanelekileyo, izixhaso nokulala okufanelekileyo, ngamanani apantsi kakulu. Kuko nesitali samahahe esine groom epapame kunene,

ROBERT XHOLLA,  
Kowie Street.  
Graham's Town,  
28th June, 1889.

### Ikaya Lendwendwe.

SIYAZISA ukuba "Ikaya" sisaligo inile apa e. Komani, Amagumbi, nezitale, nentlalo yonke ilungile kakulu, ezantsi kwe Marike

R. T. NUKUNA & CO.,  
Calder wood Street, Queenstown.

OLUKA

Gowie uluhlu Lwezityalo.

Luka SEPTEMBER.

Kuti IXESHA LOKUMILISELWA kwe MITI yeziqamo IDILIYA ne ROSES lipelile.

Elixesha lelokumilisela omnye umti kwe minye.

Imbewu zentlotyana zonke zingahlwayelwa kwezi nyanga ze ntlakohlaza.

## W. & C. GOWIE,

GRAHAMSTOWN.

Amayeza ka Cook Abantsundu.

U MZI ontsundu ucelelwa ukuba ukange- lise lamayeza abalulekileyo. Elika

COOK Iyeza Lesisu Nokuxasazo. 1/6 ibotile. Elika

COOK Iyeza Lokukohlela (Lingamafuta). 1/6 ibotile.

COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwe. 9d. ibotile. Elika

COOK Iyeza Lepalo 1/6 ibotile. Ezika

COOK Ipils- 1/ ngebokisana. Eka

COOK Incindi Yezinyo. 6d. ngebottle. Oka

COOK Umciza Westopu Sabantwana. 6d ngebottle. Oka

COOK Umgutyana Wamehlo. 6d ngesiqunyana.. Oka

COOK Umciza we Cesine. 1/6.

Niqondise ukuba igama ngu

G. E. COOK, Chemist,

E QONCE.

uba ngawenkohliso angenalo igama lake

## John J. Irvine & Co.,

KINGWILLIAMSTOWN.

ISUTI zamadoda ze Stofu—12s 6d, 14s, 16s, 18s, 20s  
IBHATYI „ „ —5s, 6s 9d, 8s 9d, 10s 6d, 12s 9d  
I-Bhulukwe „ „ —4s, 4s 6d, 5s 6d, 6s 6d to 15s  
Imitika emnyama (yokutshata)—12s 6d, 15s 9d, 17s 9d  
Ibhulukwe zamadoda ezingwevu (zokutshata)— 16s 9d to 18s 9d.

Ihempe zamadoda zomsebenzi—10d, 1s, 1s 3d, 1s 6d, 2s

Ihempe ze fulaneli—1s 6d, 1s 9d, 2s, 2s 6d

Ihempe zamadoda ezihayinishwayo—2s 6d, 2s 11d, 3s 6

KUKO i Bhulukwe ze kodi ezitile (ezona zohlobo) 7s. 6d.

Intlobo ezintsha zetyali (esazulwini apa azinamabala, koko kupela asemqokumbhrem). Zisusela ku 4s 6d zise kwi ponti.

Iprinti ezisand' ukufika—3d, 4d, 5d, 6d, 7d nge yadi

Ikaliko—2d, 3d, 4d, 5d, 6d nge yadi

Ilinzi—4d, 5d, 5Jd, 6d nge yadi

Izitofu ezibugqi—6d, 7 1/2d, 9d nge yadi

Lo ndlu ingentla, yeyona impahla itshipu, nenempahla epilileyo.

## JOHN J. IRVINE & CO.,

u-ALUVENI.

## BAKER, BAKER & CO.

## MPAHLA ENTSHA

YE NTLOBO ZONKE.

YEXA LENGQELE!

YEXA LEMVULA!

YEXA LOBUSHUSHUI

YEXA LOMOYA!

Kanize kubona i SUTI-

Kanize kubona i BHATYI ezinkulu.

Kanize kubona i BLANKET ziqalela kwi 1s. inye.

Ihempe, iminqwazi esitileyo, Izihlangu, njalo, njalo, Zitshipu ngapezu koko zaka zanjalo, zisahleli zifika.

## BAKER, BAKER & CO.

EQONCE;

## ISAZISO.

BABHALELI bam, nonke yenjanjinje:—  
H. SWAARTBOOI, Wesleyan Mission  
School, Middleburg.

## Ikaya Labantsundu.

LOMZI ngowa Bantsnudu konke na. Sati izinto zimi ngomxholo enkundleni ye Marike. Namahlala sitsho. Ngoku u Xiniwe une kari namahashe okusa nokuputuma abantu napina ngamanani alula.

PAUL XINIWE,  
General Agent.

## KUBALESI BE 'MVO.'

UMHLELI ucela Abalesi be MVO ukuba bamtumele Indaba zentlobo zonke ngento ezibonakalayo kwezo ndawo bakuzo. Ukolwa zingxelo ezimfutshane ezizolileyo.

## IZAZISO NGE "MVO."

Umzi wakowetu mawuyi qondisise kakuhle indlela yokuhlalela "IMVO ZABANTSUNDU" ukuba intlaulo

Erolelwa Ikwata, xa ifike kwange nyangayoku-

Kuvulelekile ukuba otandayo awuhlaulele wonke unyaka kwausaqala. Intlaulo yonyaka ifike kwa usaqala, 12s.

Ngangoko kunokwenzeka intla-

## NGEZAZISO.

NGOMISELO weli pepa, znke izaziso, ezingento EZILAHLE-KILEYO, nabantu ABAFUNWAYO, ABAZELWEYO, ABATSHATILE-YO, IMIBIKO, IMIVUMO, ITIMI-TI, kufuneka etumele nemali ositu-

## Iveki.

NGO-MGQIBELO umzi wase Harperton (kwa Masingata) ube unentlanganiso emva kwemini nge 4 ngomoi mbe wevoti.

ABAPANGI be bhanki yase Krugersdorp banikwe iminyaka 25 emnye.

EBHUBHILE Umbandine knvakala ukuba imicimbi yase Swazini isapetwe ngu Hofi (Mr. Theophilus Shepstone).

NGOLWESI-HLANU olugqitileyo imantyi yase Qonce ibicikida umcimbi ka Lennox Sidney Cooper indodana ehatnbe ingqiba imali kumanene ngepepa isiti ibivela e England no dade wayo ofike wabhubha, icela imali yokumchwaba. Kuti ezinya. nisweni kufumaneke ukuba lomntu ngumntu wase Qonce mdala, akuko dade wabo ubhubhileyo. U Superintendent Smith uthe umazi kakuhle kuba kwiminyaka eyandulelayo waka wacikida

KWISIQITI sase Crete, kubulewe iqela lamasodati ase Turkey abequba ububhovu-bhovu kumandla oyi Cydonia.

U THOMAS LEGGATE obesigitshimi kwi Bank yase Natal ase Kimberley uzidubule ngo Mgqibele ongapaya wafa.

KUTIWA ngamawaka amashumi mabini igusha ezifileyo ngeli langa.

U MR. VICE wase Molteno usand'ukulahlekelwa zinkomo ezimashumi asixenxe anane ekutiwa umkondo usinge ngase Barkly East. Kucingelwa ukuba atasela ngamhlope. Zifunyenwe ngase Mtata.

UMFO wase Mzimkulu ute, ngaleveki ingapaya, akubona imambane etile ukuba iqelene nomfazi wayo ngapaya kwemfanelo, waseliyifaka umkonto otsho waya kupumela ngapaya, wafa.

IZIKONKWANE zomzana wase Kowa ziyakutendisa vumantvi wase Xalanna e Gala ngo 19 IPEPA lase Bhofolo langolwesi-Hlanu livakalisa ukuba lowomandla ufumene imvula ezimnandi ngolwesi-Ne lwegqitileyo ene

E GRAAFF-REINET kuwe isipangokazi esikulu ngo-Mvulo weveki epelileyo, esite noko sikolise ngokuwazalisa amadam kulowo maudla salonakalisa ilizwe.

FIASF Dordrecht inena liti hake hafu—mana E-KIMBERLEY ngomhla we 7 Oct., ute umbhexeshi wamahashe ase Station wasuke wawakwelisa pezu kwenkwenkwana ete emva kwemizuzu emibini yafa. Usentolngweni

KUNCONYWA ukufa kwe nkomo ngumbe. ndeni nobutataka ngase Tamara nase

NGOMISELO wale Palamente yanonyaka biyiholide knmandla wase Qonce ngo Mvulo ogqitileyo, waye Umvulo wesibini wenyanga ka October uya kuhlala uyiholide ebalulekileyo kuso sonke esisiqingata yonke iminyaka. Kutiwa lotnhla yi "St Ludwig's Day" igama lawo litatelwa kwele nene u Mr. Ludwica Wiener

INKOSI yesikepe engu Captain Jorgensen ezenzele isikitshane esinike igatna lokuba yi Storm King, izimisele ukusuka kwelama Yerepe ngaso ire kweli isingane nakumazwe ase Australia, New Zealand, Valparaiso, Buenos Ayres, Pernambuco, icande i Atlantic ukuya kwase England. Ugangile.

UMLUNGISELELI ongu Smith kwi hospital yamagaza ese Fort England, e Rini, ute esemsebenzini wakunjulwa sipompotela segeza u Nelson siqiwule intonga yomnyani,

KUZAKWAKIWA i-ofisi ezintsha zika Mantyi e Kapa. Noko ingumzi olibhotwe le South Afrika nje ubungekabi nazo i ofisi eziwufaneleyo.

KWINQHINA esand' ukubako e Dutywa kudutylulwe ingwe ngu Mr. A. Whitfield, emva kokuba ibisand' ukubulala umfo ontsundu emtakele egqita xa ibizimele edetyeni.

IKUMKAKI yase Russia isabambele kwe yase Germany. Olutyelelo Iwamkelwe ngentliziyo ezibubanda ngabantu base Germany.

EKUFENI kweveki epelileyo kufike, ngezipitipiti ezisemdeni wama Mpondo, ezokuba Amampondo na Besutu bafunze kwe yama Lawu neyama Mfengu ayibuyisela emdeni. Kufe 6 kuma Mpondo, 4 kuma Lawu. I Lady Kok itshisiwe, abafazi bama Lawu

SIVE ngosizi ukuba u Rev. W. Rein wase Sihobotini ufa kunene; kwanoknba u Mr. J. P. Jameson walapa e Qonce ufa ngoku.

INKOSI yase Swazini kumiselwe ukuba inchwatywe ngo Mvulo ozayo. Ngolosoku ekuseni iya kumiselwa inkosi entsha, ese. ngumntwana, kwanoya kuyipatela ide ifike ebudaleni. U "Hofi" Somtsewu upatiswe Satlani uya kutshiswa.

IPEPA lane Graaff-Reinet liti ngu Mr. James Ayliff oyimantyi e Cradock oza kutabata indawo ka Mr. H. Hudson e Rafu.

Yi Holide e Bhai ngo Mvulo, 21 October, waye u Mvulo wesitatu ka October uya kuhlala uyi Holide yonke iminyaka e Bhai ngomntu omntsha

I. JAJI iya kuwugqoshelisa lo mjikelo e Kokstad ngo 23 October.

U SIR T. UPINGTON, Umpatiswa Miteto uye ne

## Imvo Zabantsundu.

NGOLWESI-NE, OCTOBER 17, 1889

### *Impi Emhlope e Dikeni Nabantsundu.*

UMZI omhlope ose Dikeni uyawa uwupumele inqhina ontsundu ngento zevoti. Namhla kuanjiswa icebo esingalaselele nto tina, lokuba ahliswe amaxabiso emihlaba yabantsundu ukuze bangabi nakungena ezitufanelweni zevoti. Imihlaba cyavimi kwi £25, ityetyelwe. kwi £6 10s namhla. Ute ke umzi okwa Gaga nase Sheshegu wahlangana nezipatamandla ze Gqugula le Siqingata ukuvakalisa isiroro ngesi senzo. Alivumanga lona ukuwanyusa amaxabiso abantsundu. Oku kwenzelwa ukuba baze bangabi nabango evotini.

Umzi wakowetu omele i Victoria East ubuseluzixhamla nje ngokubuzela indawo yokunyuswa kwamanani. Ayese mfanelweni ngokwe Gqugula le Siqingata ngongeniso lwama gam" abavoti nyakamnye, kodwa u Major BOYES, Imantyi-Ebambileyo, wawusika noko umzi pezu kobunqhina babamangali bawo. Yintonina ebiya kuma endleleni ka Major BOYES ukuba angenzi kwalonto nonyaka, kona belimi kwi £25? Ubuya kusikwa evotini umzi, uze noko urafele i £25. Kusalunge lento yanamhla, kuba ungaba ngapandle kwevoti njengoko wakutshwayo urafela £25; kodwa namhla uya kurafela £6 10 fc. ungapandle kwevoti.

Yinkundulu nina le iliwa kuti ngumzi omhlope wase Dikeni. Ingaba na kukuba usalindele ukuba kuanjiswa impato embi yontsundu leya yabanga ukuba abantsundu bangabi satemba mntu umhlope ngapandle kwabambalwa, ukuze baye kubiza u Mr. ROSE-INNES, sake; kwakuko o Rev. J. Monyatsi, vice M.L.A., ukuba abamele? Besiba tina lompatu iyekiwe, singasalindele madabi ashushu anjengalawo. Ingaba koyikelwa ukuba u Dr. POPE, M.L.A. ngale palamente igqitileyo ubonise ukuba ulinene elisebenzesa ingqondo entle ezingxoxweni zonke, eloyiswa zinyaniso. Umfo onjalo asinguye onganinwa ngamawetu, nakubeni angevumelani naye entweni zonke. Akuko loyiko ke Somngesi.

UKUNGEZI KWAMALUNGU. Kugqitywe kwelokuba umcimbi wokungezi kwamalungu unikelwe i Komiti ukuba iwucikide. UKWAHLUKAHLUKA KOKUVA KWA-BAHLOLI. Ngomcimbi ka Mr. J. M. Tshangela wenguquleko zokuva kwaba Hloli:—Kugqitywe kwelokuba kucelwe u Sir Langham Dale ukuba asaziwe

## Amanqaku.

KUSIVUYISILE ukulesa incazo ka Nkosi u Kama kwintlanganiso yase Cradock ngomcimbi wenkanti eqeshe emhlabeni wake. Lehotele yayiqeshiselwe amashumi, ayabini eminyaka, ekwati ekubhalweni ayavelelwa indawo yokuba ingati ibe yinkanti (kuba uselo Iwaye lungekabi mehlo-abomvu namlotno unco njengokuba lunjalo nje). Uti ke u Nkosi nangelixesha bebuvaliwe utywala, AMAPEPA endaba alike ngomkombe wokugqibela ovela kwelama Ngesi anendaba zokubhubha kwengwevu yomfundisi odumileyo wase Glasgow u Rev. A. N. Somerville, D.D., obeseleminyaka i 77. Ube ngumhambisi we mvuselelo kulo lonke into ababaluleke ngayo. Ngo 1883 wayihambela i Afrika. Ababa nentsikelelo yokubako kwintlanganiso zake abasokuze bazilibale, kwanobushushu nokulitanda kwake Ilizwi, kuya kuhlala kwati tyaba ezingqondweni bakucinga ngaye.

SIVUYISWE kusibona isiroro selinye lamapepa ase Qonce, i *Cape Mercury*, ngokugqwetywa kwetyala le Bhulu u Jan Botha. Liti elipepa" Ngolwesi-Bini oludlulelo u Jan Botha, i Bhulu lase Mpofu livume. ityala lokuba inkabi ezimbini zika Mr. Wiltshire; liti laku- kov' ukuvuma Uwe licela uxolo ku Mgwebi ukuba lize lipatwe ngencebza kuba bese

INTLANGANISO YE RAMENTE KWA GAGA.— Ngo 25 Sept, kube kuko intlanganiso yo. kukumbuza ukuvulwa kwe tyalike yakwa Gaga. Yako i Ramente ka Rev. P. J. Mzimba, evete kuzo u ike izikolo zike. Uko nomzi wakowetu ongamaqaba, nenkosi ii Cimezile Ngwabeni, no Kapoko Mgijima nento zo Mkaza, nezo Ganda. Eyivulile umfundisi intlanganiso, wenza nongxelo yomsebenzi owenziwe yi remente, ulandele

umzi ngengxoxo umanuku rola iminikelo ingxoxo ingotywala kakulu. Yapuma kulolwe £8. 8s. 7d — Ibuye yanojena eyango-kuhlwa kwati kuba ebengasekumfundisi selegodukile, kwanyulwa u Mr. M. Dungela ukuba atabate isihlalo. Ite le yagqita kweyase mini ngokuyola noko ibit ngelinye ibe nengxolo Kubekwe indawo ezintatu zokuba zikangelwe yintlanganiso. 1. Nga. bantonina aba bayeni baliqela xenikweni kuyiwa kwendiwa ngamadodana, noku zake ezikude lompanga, kuba lomfana kumenywa kwentombi xa kuko abayeni abekohlala ehamba ebe ngabonisi oza kuswe'la mpilo, ubesebenza ngalo lonke kulontombi, umyeni aqube inkomo yake ixesha. Kute ngolwesi-Tatu. 25 ayekuyixhelela kulo ntombi, kanti kusa-kubuye uduli luze kulomyeni, luze kugqiba kwangnmxasi we *Mvo Zabantsundu* ixesha elide. Ubhubhe ngokuzola okukula.

ABACOBOZI Sibona imihlala kupela apa, (utsho u P. S. ose Bloemfontein), umfo ongu Charlie Ngijimisa owaye ngumntu olisolwa; ke walahla u Tixo, watata imfazi wababata naye ke ngasemva

### *Intlanganiso Yotitshala e Herschel.*

Njengesaziso yadibana kwa Mr. J. Pattison, St. Michaels, e Dulcies Nek. Ngokungabiko ko Mongameli (Rev. W. Hurt) ibe ngu Mr. Pattison esikundleni President; Rev. J. Pattison, Messrs. J. .Tabavu, J. M. Tshangela, S. Louw, S. P. Gawe, S. Mlamleli, P. S. Kuze, T. S. Monyakwane, D. T. Matsepe, Moses Sepamla, " Jer. Mzondeki, no Henry Moncholomi. Izizatu zokungafike leli zatunyelwa ngo Rev. Wesley Hurt, Rev. J. Msikinya, Mr. Geo. Baker, no Mr. W. N.

UKUNGEZI KWAMALUNGU. Kugqitywe kwelokuba umcimbi wokungezi kwamalungu unikelwe i Komiti ukuba iwucikide. UKWAHLUKAHLUKA KOKUVA KWA-BAHLOLI. Ngomcimbi ka Mr. J. M. Tshangela wenguquleko zokuva kwaba Hloli:—Kugqitywe kwelokuba kucelwe u Sir Langham Dale ukuba asaziwe

3. ISALATISA NGAMNTWANA. Ngomcimbi ka Rev. G. E. Waterhouse ote wangeniswa ngu Mr. S. Mlamleli kuba yena engaseko. Lowo ke ungapantwana besikula,—kugqitywe kwelokuba kungabiko titshala vankela mntwana ovela kwesinye isikula

4. INTLAULO YOTITSHALA YABANTU. Ngomcimbi ka Mr. J. J. Jabavu, ongekukwika kwemali yezikula: Kugqitywe kwelokuba kwaziswe u Sir Langham Dale ukuba imali yetitshala emelwe kukurolwa ngabantu ngokuqukwa zizibonda ayipumi kakuhle yonke. Makasincede ke ngokuvuselela izibonda ukuba zinyamekele umsebenzi wazo,

5. INTSAPO NESIKO LOBUNYAMA.

Wakuba nxoxwe kakulu umcimbi wolwaluko owawuchukunyiswe ngu G. E. Waterhouse. Kugqitywe kwelokuba ungaqale uvalwe; ititshala zona kodwa zibe zisazi ukuba akuvumelekile ukuba zibamkele abantwana ababepume esikuleni ukuyakwenza elosiko baza-babuye batanda ukungena kwakona, ukuba zibamkele.

6. AMAPEPA.

Akuba u Mr. Sol. P. Gawe efunde ipepa ngokoniwa komtshato wabantsundu: Kugqitywe kwelokuba lomcimbi nzube yingxoxo yentlanganiso ezayo. U Mr. Kumalo wolifunda kwezayo elake ipepa.

7. ISIZALO SENTLANGANISO.

Ubudala bentlanganiso, njengokuba lentlanganiso seyinomnyaka nje iko:—Kugqitywe kwelokuba kucelwe Umo-ngameli enze isiyalo (Address).

8. ILESSONS.

Akuba u Mr. J. Jabavu egqibe ukunika isifundo sake ngemali (money), kugqitywe ekubeni indawo ye - *Model Lessons* itatyatwe yi "Debase," abayakukokela eyentlanganiso ezayo ngo Messrs. P. S. Kuze no D. T. Matsepe Imbangi yoku kukuba intlanganiso iba nge holide kuze kungabiko bantwana ke isifundo eso sinokunikwa kubo.

9. UVELANO NE PRESIDENT.

Ngenxa yokuba u Rev. W. Hurt, esand' ukubhujelwa ngu nyana wake watnazibulo u "Willie," kugqitywe

### *IMIBULELO KWAKONA.*

NKOSI MHLELI,—Kuko indawo endipazamise kakulu encwadini yemibulelo yam, yeyokuba ndaliposa igama lika Edmund inkulu ka Sandile. Igama lake ngeli nxulumene nelika N. C. Umhala. Makandixolele unvana isiposo eso awamkele umbulelo wam. Enye indawo endinge ndiyifikile, veyokuba kuko amadoda abe mana ukundivelela empangeni yam anjengento ka Tyali u Feni, nenkulu ka Anta, no Matutu, obesuswa libandla lase Mgwali, kwanabanye. Lomkondo andiwukankanyanga, ngokuba imibulelo yam, iwane-UKUBHUBHA KUKA MR. JOEL JACK NKOKAZI —Uya kuviwa ngosizi zizihloho zake ezikude lompanga, kuba lomfana akabanga naxesha tide egula; nakubeni 2. Uyintonina lomtshato wasesikolweni ebekohlala ehamba ebe ngabonisi oza kuswe'la mpilo, ubesebenza ngalo lonke kulontombi, umyeni aqube inkomo yake ixesha. Kute ngolwesi-Tatu. 25 ayekuyixhelela kulo ntombi, kanti kusa-kubuye uduli luze kulomyeni, luze kugqiba kwangnmxasi we *Mvo Zabantsundu* ixesha elide. Ubhubhe ngokuzola okukula.

ABACOBOZI Sibona imihlala kupela apa, (utsho u P. S. ose Bloemfontein), umfo ongu Charlie Ngijimisa owaye ngumntu olisolwa; ke walahla u Tixo, watata imfazi wababata naye ke ngasemva

## Ibala Labadlali

I match eyayilungiselelwa pakati kwe F. C. C, ne E. L. W. C. C., nge 14 kulenyanga, ayibangako ngenxa yokuba abase Monti bengabanganayo iholide.

\*\*\*

E Kimberley kwakudibene i K. N. C. C., ne "Perseverance" C. C. I P. C. C.—J. Palmer c Mabeta b Matayo 0, c Kagana b Ngesi 0, I. Martin notout 33, b Matayo 4, T. Burgess c Sepuru b Ngesi 1, c Small b Matayo 9, F. Smith b Matayo 7, St. Mtule b Ngesi 3. M. Mechiel b Matayo 0, run out 2, N. Ochea run out 1, b Matayo 2, R. Otto c Mayase b Badi 2, St. Mtuli b Ngesi 1, N. Baker c Mabeta b Gqoba 0, b Ngesi 2, F. Newton b Gqoba 0, notout 1, J. Adams b Matayo, b do 1, A. Brown b do 2, b do 2, extra 6-7 Totals 53 34. Grand Total 87.

\*\*\*\*

I Kimberly Native b Michaels c & b Martin 4; A. B Matayo b Michaels, c b Martin 5; A. Mtule, St. netya (Tennis) e Bhayi ngomhla we 7 ku September, amalungelo ase Tinaru ayekuselwe ngo Misses Jacobs no Boyce Messrs. Mbedu, Sakuba no Boyce wayeko nonyawo ntle u Rev. D. Msikinya. Owase Bhayi ngo Misses Smith, Pangeni no Mfecane, Messrs Vena, Sinuka no Rev. J. Gawler—waye ntyotyota amakwelo no Rev. B.Dlepu. I Tinaru layidla i Bhayi Ndlovu nge 4 sets to 1. isikora:—

Port Elizabeth, 1st. Service,—Mr. Yena and Miss Pangeni, 2 Gams. Uitenhage 1st. Service,—Mr. Boyce no Miss Jacobs 6 Gams set.—2nd. Service P. E. — Mr. Sinuka no Miss Smith, 4 Gams. 2nd. Service, Uitenhage,—Mr. Sakuba no Miss Boyce, 6 Gams set.—3rd. Service, P. E.— Mr. Vena no Miss Pangeni, 2 Games.—3rd. Service, Uitenhage,—Mr. Boyce no

## EZABABHALELI.

IMPEMBELELO YOLWALUKO E-NGQUSHWA.

NKOSI MHLELI wepepa lendaba ndinceda undifakele epepeni, undinyamezele ke noko ndenze inteto ende. Ndimangaliswe yinteto yomzalwana u Mr. J. D. Ncuka. Ikwipepa le 10 October, 1889, endibona selendingcikiva, endituka, esiti ndingxote umfana wake ngeratshi, nomona. Ukuqala, ndibe ndingalindele ukuba onokuteta ngohlobo lokundituka; ube nokuti u J. Ncuka kunyana wake lityala lake, kuba wati akubuya esikolweni eNkukwebe waluka. Mhlana wagxotwa e Gcebula esikolweni ngokwaluka watshona ukuti bamgxote ngeratshi nolunya njengokuba usitsbo kum? Okunye wagxotwa e Tyityyaba kwatiwa unyana wako ngumkweta. Wabafakana emapepeni? watshona ukuti baneratshi nolunya njengoko utshoyo kum? Apa e Rura nditete kwangalonto. Nditukelwanina? Mzalwana, unyana wako wenze into esiyicasisileyo tina bafundisi nokuba kuni ilungile. Kubonakala ukuba tina bafundisi bohlanga Iwenu siba ngaba fundisi xa siseqta izinto enizitandayo, sakwenza izifto eningazitandiyo sosiba zinyekevu ukungcikiwa ngazo emapepeni. Anditsho ukuti ninjalo nonke, bako abahlala bengcala letu. Nantsi imposiso yako apo ikona—ute wakuwa ngonyana wakowaselundituka, undifake emapepeni., Mandikuxelele ke mhlope, lomfana akagxotwanga, umke ngokutanda kwake. Into endayenzayo ndateta nabanye abalundisi ngempembelelo eyabonakala iko kwakwaluka nabantu abasebetshatle nentwana ezincinane. Kwabako umingimingi lwenteto kwabakucasisileyo ukwaluka kuba kuko nabanye abafana abalukileyo abangafamani zikolo. Ndanvanzelake ukuba makatshintshwe asiwe kwelinye icala. Njengomfundisi ongu Mkrestu, sahlangana sateta ngalento saqgiba ukuti mayihlale ititshala kwase Rura. Zavalwa izikolo, sabona ngencwadi yonyana wake ??? nditi isiti akakubuya ??? isikula sake, kuba. ??? ukuba andimtandi yokuba walukayo. Undicingela endiya kuti kulo mfana wako ndiuaillS ukuti—ukolisile mfana wam waluke? Ndifanele ukugeina izinto ezingalunganga zingaqubeli pambili. Lomfana wapule umteto wetu, kanti noko upetwe kakuhle. Ngumfana wako umntu wokuti kuye uneratshi nolunya, yena ati kwakutetwa ngokwaluka kwake emke engaxelanga, saenkatazwani ukufifina umntu wako.

UKUHLANJULULWA KWENTLALO. MR. MHLELI WE " MVO ZABANTSUNDU,"—Kaundinceda wetu ubhale apo epepeni, upendule umfo wapesheya komlambo lo uteta "gobunene" kule *Mvo* ka 26 Sept. Yiti kuye

ngalo lonke ixesha ingekaziwa i First Class, ne Second-Class, ne Third-Class. Nditu kuni, ncamani. Anivani? Uzu-funde ikoranti ka Mr. " Ntamo-Engena-kola" wase Deken, uzuqonde apo, uncaine, xa abantu bezimfama or bezi-denge. Uti yena lomfo wase Dikeni akulungile ukuti umntu ehlanga ngokuve-veu yendtu, azipakamise ngokuvata or ngokunxiba ingubo zo Mr. Nantsi. Nditu kune mfondini wapesheya kwe Neiba, cela amadoda anengqondo akuncede nizameme iklasi zamanene neyam- vula la albebe kudlala i tennis ne Cricket engama hlwempu kodwa, bezi- caka kodwa. Nditu kuwe mfondini tina Mangesi amahlwempu akutiya walo or ivila alitenti nasentlanganisweni yama- doda, ke nase hoteleni iyodwa itafle yamanene yezikulu, netreni ikwanjalo Nditu kuwe zamani ukwenza iklasi, liti ihlwempu xa liti lifuna iklasi yamanene likutale kuqala. Ndiyakucela mfondini nditi lento yibhekisa ku Rev. P. Mzimba e Dikeni ayihluzwe, naku Rev. J. W. Gawler ??? Bhayi ayihluzi, naku Rev. P. e Qonce, no Rev. W. B. Rubusana e Ncemeza. Bhala apo ke Mhleli ubhekise kulomfo ahlabe umkosi. Siyabubha lirathshi. Nonyana betu balibele kuku cula inoti ga akucingwa ngobutyebi, konwatyiwe ngokuba be- ngasakulobola naxa bazekayo. Nilubu- lele uhlanga. Onyana betu balibele kukonwaba ngenxa yetemba lokunga loboli bayazilahla nentobi zenu ezo namhla. I First-Class mayizekane yodwa betu. Hluza apo.—Ndim,

NTAKOBUSI VELETSHONA. October/, 1889.

ISICELO KUBAFUNDISI.

MHLELI, wepepa lendaba zamanene, ndiyakucela mhlobo wam otandekayo ukuba undifakele epepeni apo esisicelo sam kubafundisi abaka bakwa Matole kwa Mhlambiso ngelixa kupete u Eben. S. Mhlambiso. Nokoke lento ndizakuyiteta bendifanguni kuyiteta kodwa ke zona imeko ziyafuna ukuba ndiyitete andinakunceda ko xa kunjalo abafundisi aba audifuni kuteta ngabo emapepeni apa kuba ngati kum kuku- babhengeza xa kutetwa ngabo emapepeni endaba.

Ndicela ke kwabo bafundisi lento yiyipina into yakwa Tixo endaka ndayi- tsalela ebukosini oko kukuti ngamaxesha ababek ngawo apa yintonina eyakwa Tixo or yiyipina into endayizamelayo kubukosi bonyama. Kuba ndive ngo- mnye umhlobo esiti kum weva omnye wabafundisi bakowetu mna bendizimi- sele ngakokonke endinako ukufuna uku- tatela izinto zakwa Nkosi ebukosini bam. Ndifuna ukuba kwabanye ke abefundisi bakowetu ukuba bemka besibonana eso- similo sam sinina nokuba sihle emva koko, ndingavuya bendixelele epepeni apa ukuze ndifunde ukusilahla kuba solimaza umsebenzi we Nkosi, okanye nomteti walento wona ukungandixeleli kwalapa, ahambe endicotela ematyni apo ndingenamteleli wokunditelela umhlaumbi wokanyeza leyonteto yo- mfundisi. Lento ndiyitetya indivisa ubuhlungu obukulu kanye, kuba ndi- linga ngako konke ukubanceda emse- benzini wabo, botinina ke ndakuma kwende intaba xa basebenzayo kuba kaloku nam ndingumntu andingetandi kupazamisa abantu emsebenzini wabo kuba nowam mkulu ronro, ngoko ke anditandi kubalucango kwamanye ama- doda emsebenzini wawo kodwa ke ba- ngandikatazi kwakufika ingxakeko ezinje ngokwaka njalo njalo.

Abafundisi abaka bako apa kwa Matole ngenxa endikovo ngalo mazi, kwandi- neede kakulu, ndibacela ngobubele obu- kulu ngapande komteti walamazwi andihlungisayo. Kuba intlanganiso yabakokeli andiyazi ilaulwa ndim nabo ndobuye ndibacele ukuba bade laulwa ndim ukuze izinto zakwa Nkosi ndiza- melo ukuzitwalela kwawam amagunya laba nje kwakutenina. Nokuba nditsa- lile ngengeto Mhleli wondixolela kuba andizeni ndenziwa ngunziwayo kushu- shu apa kum pakati. Manditshone okwanamhla.—Ndim,

EBENEZER S. MAHLAMBISO, Amatole Basin, August 30, 1889.

UMTSHATO.

Umtshato lo yinto eyasikelelwayo kwase ndalweni. Kute pakati kuwo kwako amacapaza amabi. (1) Xa kuya kutshatwa kwa mfundisi kuti kufikwe etyalikeni atshatise umfundisi, ayale ngeziyalo zake zokugcina umfazi, ne- mpato yake, nokufule umfazi, abhekise nangase mfazini indlela yokupata indoda ikakulu ngase ndodeni; oh, hai, siya- feketa ngabafazi. Kuti ke kupunywe, nako kuvunywa o jemama, jelmama. Yoho! yiyipina lonto bokutiwa nje lomteto ungewele? Utsho nomfundisi uko Mbotsiwayo apa kubotshiwe Kanti hayi akuke nziwa into isaya kuba sekaya. Kutsha kwenziwa ntshi. He! anditina oku sithi sifuna ukutshata ngesilungu Lo yivi ! namhlanga uya tshata u Mabani, kwatsha kwacima, debe- lele, asiso silungu ; kanti ngesi lungu bekufuneka ukuba uti upuma etyalikeni ugoduke uyokutshintsha ezokukwela uhambe nomfazi wako. Naso isilungu onna, kuyekwe lento yezintsuku zingaka kanti kusalingelwe ukuba kuke kuyalwe okwesibini, into ende edibene nomisindo nezituko. Yintonina ke leyo? Ndi- de ndincanyiswe yintombi, iti ingalili nga- ko xa kuyalwayo ibe ifundekela; nditi mna izeke isithi, oh ndancede kama- nje, niyala kade. Ingazi ukuba elisoka liyincedile ekubeni ibiya kuba ngu- jingxa ekaya, bade bati abanye—uya kubanina yena ngokukohlakala. Oh dear me, akuko mntu untliziyo inyulu. Umprofite u Yisaya uti—Intliziyo yom- ntu inenkohliso. (2) Ukutiwa komtsha- to: Lonto nina badala nama dikoni yikangeleni well. Ukuba nizimisele ukuba umtshato niyavuchita, yekani abantu bonke batye ngo 2 o'clock, baze bati bafuna ukuvuma baqale from half past two kude kude ngu fori, bachitwe ke nge 10 minutes pasi fori, bemke kuse mhlope konke na, bati nabaya bavumayo bavume angewele amaculo kuba kaloku umtshato kutiwe ungewele: hai o njana- na njinana, ndinyetala, abafuneki konke na. Nina badala lento yokuchita ebusu- ku niyikangelana njinana? Nditu mna yiyona good chance kwi ruffians, yiyona ngozi lonto xa souwabona abafana be- hamba beziziqu bembatisene ngetyali namantobazana, kanti mhlaimbi kuya kufikwa kusasa emakaya yinxenye yo- Jetshe noletshakazi, izé ke mna ityala

ndilifake ku badala. Pawulani ezindawo zombini— ukupuma etyalikeni ugoduke ukwele uinke nomfazi, ukuchitwa komtshato. Ukutsho ke nam madoda ndino dade wetu, ndibe ndise lisoka elidumbe intloko kanjako. Mna lamaculo — Hamba mqantul' umncinci no Gatyia lomsege, andiwaqondi, kanye makunywe i noti, wona ngawokuvu- nywa ezigxojini. Ndim, ELIJAH BANGAZI.

UMELO EDIKENI.

Mnr.ELI OBEKEKILEYO, — Ndikucela ngentobeko ukuba undifakele lemigana itnbalwa, ngesikalo mayelana nalento yokukangela amaxabiso amalungelo abanawo abantu' ukuze babe ngabavoti. Yinto engabakoyona ukuti abantu babambeneyo kuvele kwakubo umntu ogweba elotyala? Ukutsho ke apa Edikeni amadoda esibambene nawo ati asinamfanelo, ngawo malungu e Divisional Kawunisi, ukuba u Rulumeni wenza ubulungisa ukuze singlarori makanga- njenjalo, xa umntu epambi kwejiya kutiwa kanga kulamanene ukuba akuko mntu ungamtandiyi akangele ke umangalelwa ukuba iko indoda owaka wavelana nayo ikutshwe kwigqela lejuri, ukuse ugwetywe ungenasi kalazo. Ukutsho ke apa Edikeni akuko kwanezeka kulomfo ukangela amalungelo etu bantsuudu wanga u Rulumente onobubele angayikangela lento ngenyameko iqubeka ngendlela esirorisayo. Ndovuya uyifake ngengeto ezimbini Isixhosa nesi Ngesi. Mandipele, owako futi inyaniso. MFAZO N. GALELA. Gaga School, October 3, 1889.

" XAKA ELINENDLEBE " (INDWANA).— Bekunganjanina ezindawo nzitumele kuti ngabakokeli nesibonda, ungake ulandale kwintlanganiso zeramente nakumantyi ?

